URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Deborah Williams**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Deborah.Williams@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili: 22/2/P
Isalathiso: 20240705-5071

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0010/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli naBacebisi boVavanyo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**ISihloko: ISikhokelo sokulawulwa kweMisebenzi yoVavanyo yePraktikhali yeSifundo se-*Tourism* (*Practical Assessment Task for Tourism*) kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-2024**

1. **Intshayelelo**

1.1 IMisebenzi yoVavanyo yePraktikhali (*Practical Assessment Tasks* (*PATs*)) yenziwe kwizifundo ezinekhomponenti yepraktikhali. Ezi *PATs* ziyinxalenye yeemfuno ezimiselweyo zovavanyo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ngo-2024 njengoko kuchaziwe kwi-*Curriculum and Assessment Policy Statement*.

1.2 Ifomathi ye-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* yango-2024 ingqinelana nefomathi ehlaziyiweyo ye-*Tourism PAT* eyaphunyezwa ngoJanuwari 2021. IZikhokelo zikaTitshala ze-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* ngo-2024 zenziwe zafumaneka ezikolweni ekuqaleni kwalo nyaka.

1.3 Ootitshala beSifundo se-*Tourism* kufuneka basebenzise iZikhokelo zikaTitshala ze-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* (*Tourism PAT Teacher Guidelines*) zango-2024 nePekhi yeziBonelelo ze-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* yango-2024 (*Tourism PAT Resource Pack*) eza kukhutshwa ukuqinisekisa ukuba abafundi balungiselelwe ngokwaneleyo ukwenzela i-*PAT* ye-Sifundo se*Tourism* yango-2024.

1.4 ISebe leMfundo esiSiseko (DBE) liya kubonelela ngelinki yeeseshoni ezimbini zokuxoxa nokuvumelana ezirekhodiweyo kwangaphambili. Ividiyo yokuqala erekhodiweyo iya kunceda ootitshala ekuqhutyweni kwe-*PAT* nakwindlela yokulungiselela abaviwa kwiiseshoni zokubhala. Ividiyo yesibini erekhodiweyo iya kunceda ootitshala ekuxoxeni

nokuvumelama ngePekhi yeZibonelelo kubaviwa. Iividiyo ezirekhodiweyo ziya kufumaneka ukususela nge-10 kaJulayi 2024 kwilinki: [http://surl.li/tkmbf](http://surl.li/tkmbf)

2. **Ukuqhutywa kwe-*PAT* ye-*Tourism* kwinqanaba lesikolo**

2.1 Zonke izikolo kufuneka zibe neseshoni zokuxoxa nokuvumelana nabafundi bazo ngePekhi yeZibonelelo ukususela **nge-16 ukuya kwi-23 Julayi 2024**. Ngethuba leeseshoni zokuxoxa nokuvumelana ngePekhi yeZibonelelo, ootitshala kufuneka baqinisekise ukuba bonke abafundi babhala amagama abo kwiPekhi yeZibonelelo yaye iPekhi yeZibonelelo iyaqokelelwa ekupheleni kweseshoni nganye yokuxoxa nokuvumelana.

2.2 I-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* mayenziwe ngabafundi **nge-24 nange-25 Julayi 2024 ukususela ngentsimbi yesi-09:00 ukuya ku-13:00 <u>ngazo zombini iintsuku</u>.** Nasiphi na isenzo sokunxaxha koku siya kuthathwa njengesitenxo.

2.3 I-*PAT* iya kwenziwa ngeeyure zesikolo phantsi kwemiqathango yolawulo ethile (*controlled conditions*). Imiqathango yolawulo ithetha ukuba ukubhalwa kwe-*PAT* makuqhubeke esikolweni ngethuba lamaxesha acwangcisiweyo phantsi kweliso elibukhali lomgadi wabaviwa. <u>Utitshala weSifundo se-*Tourism* AKANAKO ukusebenza njengomgadi wabaviwa.</u> Nangona kunjalo, utitshala weSifundo se-*Tourism* kufuneka abekhona esikolweni ngazo zombini iintsuku ezilandelelanayo ekubhalwa ngazo i-*PAT* ukwenzela ukuba anike ingcaciso neengcebiso, apho kukho imfuneko. Inqununu mayiqinisekise ukuba kukho umgadi wabaviwa omnye olungiselelwe iqela ngalinye labafundi abayi-30.

2.4 Ixesha elabelwe i-*PAT* **ziiyure ezisibhozo**, elahlulwe laziiseshoni **ezimbini zeeyure ezine**. Iiseshoni ezimbini zeeyure ezine mazicwangciselwe ithuba leentsuku ezimbini ezilandelelanayo zomhla **we-24 nowe-25 Julayi 2024** ngokulandelelanayo. Amaxesha okuphumla phakathi kweeseshoni akucwangciswa ngalo ndlela sibona ngayo isikolo. Makumiselwe imiqathango yokubeka esweni abafundi ababuyelayo emva kwexesha lokuphumla.

3. **Ukuprintwa, ukupakishwa nokuhanjiswa kwe-*PAT* yeSifundo se-*Tourism***

3.1 ICandelo loLawulo loVavanyo leSebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuqinisekisa ukuba iprintiwe i-*PAT* yaze yahanjiswa kuzo zonke izikolo ezifundisa iSifundo se-*Tourism* kwinqanaba leBakala 12.

3.2 I-*PAT* iya kupakishwa ize ihanjiswe, kulandelwa inkqubo efanayo neyeemviwo ze-*NSC*.

3.3 I-*PAT* inamacandelo amabini, **uSuku 1 noSuku 2**, yaye iquka **iPekhi yeZibonelelo.**

3.4 IPekhi yeZibonelelo ye-*PAT* yango-2024 iya kusiwa esikolweni nakootitshala phakathi **kwe-10 ne-12 Julayi 2024**, ukwenzela ukuba ootitshala nabafundi banikwe ithuba lokuxoxa nokuvumelana nabafundi ngePekhi yeZibonelelo.

3.5 I-*PAT* yeSifundo se-Tourism iya kufika ezikolweni **nge-22 ukuya kwi-23 Julayi 2024** yaye kufuneka igcinwe kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo lesikolo ngoko nangoko kude kubhalwe i-*PAT*. Ukuba i-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* ayisiwanga esikolweni phambi kowe-23 Julayi 2024 ngentsimbi ye-12, iinqununu kufuneka zikuxele oku ngoko nangoko kula magosa alandelayo:

| | |
|---|---|
| Nks. Merle Ludick | (021 467 2246) |
| Nks. Bronwyn Calvert | (021 467 2994) |
| Mnu. Clive Berry | (021 467 2265) |

3.6 Yakuba isiwe ezikolweni i-*PAT*, ootitshala banokuqalisa ngokuxoxa nokuvumelana **ngeCandelo C le-*PAT Teacher Guidelines*** (amaphepha 18 ukuya kwele-19) kunye nePekhi yeZibonelelo. Ukuncedisa kwingxoxo, ootitshala mabajonge ezi seshoni zimbini zokuxoxa nokuvumelana esezirekhodwe kwangaphambili ezikhankanywe kumhlathi 1.4.

3.7 Ibhokisi yekhadibhodi equlethe i-*PAT* yo**Suku 1** kufuneka ivulwe kuphela ngentsimbi **ye-08:00 nge-24 Julayi 2024**. I-*PAT* **yoSuku 2** kufuneka ivulwe kuphela **ngentsimbi ye-08:00 nge-25 Julayi 2024.**

3.8 Ii-*PATs* zazo zombini iintsuku ziya kuthunyelwa kunye nee-*folio pages* ukuze zisetyenziswe ngethuba lokwenziwa kwezi *PAT*.

4. **Ukubhalwa kwe-*PAT***

4.1 Abafundi kufuneka babekhona esikolweni ngazo **zombini iintsuku** ezicwangciselwe ukubhalwa kwe-*PAT* yeSifundo se-*Tourism.*

4.2 Abafundi abangekhoyo kwiseshoni yokubhalwa kwe-*PAT* (benaso okanye bengenaso isizathu esisemthethweni) kuya kujongwana nabo ngokweMimiselo efakelwe izilungiso i-*Amendments of the Regulations pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination,* epapashwe *kwiGazethi kaRhulumente* (*Government Gazette)* No. 42430 ngowama-30 Apreli 2019.

4.3 Amagama abafundi ababengekho xa kubhalwa i-*PAT* (uSuku 1 noSuku 2) mawarekhodwe kwi-*CEMIS functionality for* ***Tourism PAT Absenteeism*** emva kokugqitywa kosuku ngalunye.

4.4 **Ukuba akukho mfundi wayengekho ngoSuku 1 kunye/okanye ngoSuku 2, makubonisiwe oko ngolo hlobo kwakhona kwi-*CEMIS functionality for Tourism PAT Absenteeism*.**

4.5 Kubalulekile ukuba ubungqina obubhaliweyo bezizathu ezibambekayo zokungabikho esikolweni bugcinwe efayilini esikolweni yaye mabufumaneke kwaNdlunkulu nakwi-ofisi yesithili xa kwenziwe isicelo soko.

4.6 I-*PAT* iqulethe amacandelo amabini, **uSuku 1 noSuku 2** yaye iquka **iPekhi yeZibonelelo**.

4.7 Umviwa ngamnye makafumane ikopi eyeyakhe ye-*PAT* nePekhi yeZibonelelo nencwadi yeempendulo eyenzelwe uSuku 1 neyoSuku 2 emakubhaliswe ngayo i-*PAT*. Le Pekhi yeZibonelelo inye iya kusetyenziswa ngethuba lokuxoxa nokuvumelana nge-*PAT* nabafundi ngoSuku 1, **nge-24 Julayi 2024, nangoSuku 2, nge-25 Julayi 2024** lweseshoni yokubhala.

4.8 Isikolo masiqinisekise ukuba abafundi bafumana **iincwadi zeempendulo ezahlukeneyo** ezenzelwe uSuku 1 noSuku 2.

4.9 **Le Pekhi yeZibonelelo** ifanayo iya kusetyenziselwa ukubhala iiseshoni zoSuku 1 nezoSuku 2. I-*PAT* egqityiweyo yosuku ngalunye nePekhi yeZibonelelo MAYITHATHWE ekupheleni kweseshoni yokubhala nganye.

4.10 Yakuba ifunyenwe ipekhi ye-*PAT* (Iphepha le-*PAT* yoSuku 1, noSuku 2 nePekhi yeZibonelelo) elungiselelwe usuku, abafundi mabaqinisekise ukuba onke amaphepha afakiwe. Abafundi kufuneka banikwe **imizuzu eli-10 yexesha lokufunda** ukuziqhelanisa nemiyalelo nekhontenti yawo omabini amaxwebhu. Ixesha lokufunda **maliqale nge-08:50**.

4.11 Zizibonelelo nezihlomelo (*addenda)* kuphela ezibonelelwe kwiPekhi yeZibonelelo ezisemthethweni emazisetyenziswe. Abafundi ABAYI kuvunyelwa ukuba bangene nazo naziphi na izibonelelo ezizezinye kwindawo yokubhalela uviwo. Akukho zixhobo zizi-*electronic devices* (iikhompyutha, iilephutophu, iiselula, okanye nasiphi na isixhobo sokufikelela ku-intanethi) ekuvumelekileyo ukuba zisetyenziselwe ukubhala i-*PAT*. Oku makwaziswe abafundi ngencwadi ebhaliweyo phambi kokuba babhale i-*PAT*.

4.12 I-*PAT* yosuku ngalunye mayigqitywe ngosuku ebhalwa ngalo ngamaxesha amisiweyo. Akusayi kunikwa xesha longezelelweyo, ngaphandle kwemeko apho kunikwe imvume yokuxolelwa neminyinyiva kubafundi abaneemfuno ezizodwa.

4.13 Zonke ii-*PATs* mazibhalwe ngesandla, ngaphandle kwabafundi abenze isicelo semvume yokuxolelwa neminyinyiva.

4.14 Ukubolekisana ngezinto zokubhala akusayi kuvumeleka kwindawo yokubhalela uviwo.

4.15 Ekupheleni kweseshoni yokubhala nganye, izikriphthi maziqokelelwe zize zigcinwe kwisefu yesikolo/kwigumbi elinqatyisiweyo kude kuqaliswe ukumakishwa. IPekhi yeZibonelelo kufuneka iqokelelwe emva kweseshoni yokubhala yesibini yaye igcinwe nezikriphthi.

## 5. Ukumakishwa kwe-*PAT*

5.1 Izikriphthi mazikhutshwe kuphela kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo lesikolo yinqununu ngosuku ekuqala ngalo ukumakishwa.

5.2 Isikhokelo sokumakisha kuya kuxoxwa kuvunyelwane ngaso nootitshala ngabacebisi ngezifundo yaye isikhokelo sokumakisha sokugqibela esivunyiweyo siya kusiwa ezikolweni ungadlulanga owe-**21 Agasti 2024**, emva koko kungaqaliswa ukumakishwa. Makusetyenziswe isikhokelo sokumakisha sokugqibela esivunyiweyo kuphela ukwenzela ukumakishwa kwe-*PAT*.

5.3 Kwimeko apho kukho ootishala abangaphezulu komnye abafundisa iSifundo se-*Tourism* esikolweni, izikriphthi kufuneka kutshintshiselwane ngazo ukwenzela ukuba utitshala angamakishi izikriphthi zabafundi bakhe.

5.4 **Makugqitywe** konke ukumakishwa **ungadlulanga owe-04 Septemba 2024.**

6. **Ukumodareyithwa kobungqina bomsebenzi wabafundi: (*learner evidence):* ukumodareyithwa sisikolo nasisithili.**

6.1 Ukumodareyitha makuqhutywe ngokungqinelana neSikhokelo i-*Guideline on the Quality Assurance of School-based Assessments for Grades 1-12* njengoko sipapashwe kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loVavanyo 0005 ka-2024, yomhla we-26 Matshi 2024.

6.2 Ubuncinane yi-10% yezikriphthi ezimakishiweyo emazimodareyithwe ngutitshala oneqhuzu okanye yintloko yecandelo lesifundo kwinqanaba lesikolo **phambi kowe-09 Septemba 2024**.

6.3 Emva kokuba izikriphthi zimodareyithiwe, amanqaku mawarekhodwe kwirekhodishithi yeSifundo se-*Tourism* yeSebe i*WCED*.

6.4 Umcebisi ngesifundo wesithili uya kumodareyitha isampuli yezikriphthi ezivela kwisikolo ngasinye. Ukumodareyithwa kwisithili kumele ukwenziwa **phambi kowe-12 Septemba 2024.**

7. **Ukumodareyithwa kwezikriphthi kwiphondo**

7.1 UMcwangcisi weKharityhulam oMkhulu weSifundo se-*Tourism* uya kumisela inkqubo yokumodareyithwa kwezikriphthi yephondo aze ayicacisele abacebisi besifundo.

7.2 Ukumodareyithwa kwezikriphthi kwiphondo **kufuneka kwenziwe ukususela ngowe-16 ukuya kowe-18 Septemba 2024**.

8. **Ukumodareyithwa kwezikriphthi kuzwelonke**

8.1 ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i*DBE*) liya kumodareyitha i-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* ye-*NSC* yango-2024 kwilisti yesampuli yezikolo ezikwisithili ngasinye ukususela **kwi-20 ukuya kwi-30 Septemba 2024**.

9. **Ukufakwa kwamanqaku kwisistim yecandelo loviwo ekwikhompyutha**

9.1 Amanqaku e-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* mawafakwe kwirekhodishithi yeSifundo ye-*Tourism* yeSebe i*WCED*.

9.2 Amanqaku e-*PAT* yeSifundo se-*Tourism* mawafakwe ngethuba lokufakwa kwamanqaku e-SBA yaye kufuneka **kugqitywe oku ungadlulanga owe-25 Oktobha 2024**.

10. Kucelwa iinqununu ukuba zenze amalungiselelo ayimfuneko okuqhutywa kolu vavanyo yaye zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-07-11